

# Itshata yamalungelo ezigulane

Ukuxhamla kwiinkonzo  
zempilo eziziselwa  
uluntu

Ukufumana lula  
ulwazi oludingayo  
ngokwasempilweni

Ukuba ngumnini  
wendlu esemgan-  
gathweni

Ukuhlala kwindawo  
esempilweni

Ukuxhamla  
kwizibonelelo  
zoluntu

Intshukumo  
zolawulo ezizizo,  
nezingenamkhethe

Ukuhlonipheka,  
ukulingana nobom

Imfundo esisiseko

Inkululeko yomntu  
nokhuseleko

Inkululeko yokholo,  
unqulo noluvo

Impilo eyiyo  
lilungelo  
lakho

Phakama! · Thetha phandle! · Yenza imigushuzo!

# Yintoni itshata yamalungelo ezigulane?

Itshata yamalungelo ezigulane zaseMzantsi Afrika yitshata yeSebe lezeMpilo kuZwelonke exhasa ikhusele amalungelo akho njengesigulane kwicandelo lezempilo. Le tshata yabakho ukususela ngo-1999 kwaye ikuxelela ngamalungelo akho noxanduva lwakho njengesigulane xa usiya kufumana unyango namayeza kumaziko empilo. Ngexesha lobandlululo abantu basenokuba babengaphathwa ngendlela eyiyo ezibhedlele nasezikliniki. Itshata yamalungelo ezigulane isikhumbuza ukuba kufuneka sihlonelane njengoomongikazi, oogqirha nezigulane kwizibhedlele nasezikliniki.

## Itshata yamalungelo ezigulane eMzantsi Afrika

Amalungelo	Uxanduva
<ul style="list-style-type: none"><li>• Ingingqi ecocekileyo nekhuselekileyo</li><li>• Ukuthatha inxaxheba ekwenziweni kwezigqibo kwezempilo</li><li>• Ukuxhamla kuncedo lweenkondo zempilo</li><li>• Ukwazi malunga ne-inshorensi/iimedical schemes</li><li>• Ukukhetha iinkonzo zempilo ngengqiqo</li><li>• Ukunyungwa ziinkonzo zempilo ezaziwayo</li><li>• Ukukhuseleka kwegama lakho nesigulo onaso</li><li>• Ukunika imvume yakho nokufumana ulwazi olwanelisayo</li><li>• I-lungelo lokwala ekuthabatheni inxaxheba kunyango olucetywayo</li><li>• I-lungelo lokuba uve ukuba zithini na ezinye iingcali zonyango ngesigulo onaso</li><li>• I-lungelo lokuba ufumane unyango olupheleleyo ngaphandle kokudlelwa indlala</li><li>• Ukukhalaza ukuba baziva befumene isihoyo esingekho semgangathweni</li></ul>	<ul style="list-style-type: none"><li>• ukukhathalela impilo yakho</li><li>• ukulondoloza nokukhusela ingingqi ohlala kuyo</li><li>• ukuhlonela amalungelo ezinye izigulane nabo banikezela ngeenkondo zempilo</li><li>• ukugcina kakuhle iingxelo zezempilo ezifana namakhadi asekliniki nawasesibhedlele</li><li>• ukunika abo banikezela ngeenkondo zezempilo iinkcukacha ezifanelekileyo nezichanekileyo ukuze bajongwe ukuba banantoni, unyango, ukubuyisela kwisimo sangaphambili nokunika iingcebiso.</li><li>• Ukuhambelana nonyango olunikiweyo kunye/okanye neemfuno zokubuyiselwa kwisimo sangaphambili</li><li>• Ukufumana ulwazi malunga neenkondo zempilo ekuhlaleni</li><li>• Ukubuza malunga namaxabiso onyango nawokubuyiselwa kwisimo sangaphambili nokwenza amalungiselelo afanelekileyo okuhlalwula</li><li>• Ukungasebenzisi kakubi inkqubo yoncedo lwezempilo kodwa uyisebenzise ngendlela eyiyo</li><li>• Ukunika iingcebiso abo banikezela ngeenkondo zempilo malunga nokufa kwakhe</li></ul>



# Kutheni le nto kuyimfuneko ukuba wazi ngomqulu yamalungelo ezigulane?

*Xa usiya kwikliniki ekufutshane kuwe okanye kwisibhedlele ufuna unyango okanye amayeza, uxhobe ngolwazi lwamalungelo akho noko kulindelekileyo kuwe njengesigulane ukwenzela lula ukuphendula koogqirha, kubongikazi nakwezinye izigulane xa bekrwada kuwe okanye bekuphatha kakubi*

## Umqulu yamalungelo ezigulane ingakwenzela ntoni?

Njengesigulane ungayisebenzisa njengesixhobo sokubanga amalungelo akho ukuze ufumane uncedo lwempilo esemgangathweni. Kunceda wazi ngamalungelo oluntu kwicandelo lezempilo kwaye kwenza uMgaqo-siseko noMqulu wamalungelo ukwazi ukusebenza ngokuxhasa ukuba abantu baxhamle kwenziwe ubulungisa ngokuphathelele namalungelo ezigulane njengokuba kulindelekile emntwini. KODWA unoxanduva lokuba ulondoloze impilo yakho. Umzekelo, kufuneka ulale iiyure ezintandathu ukuya kwezisixhenxe ubuncinane ngobusuku, wenze umthambo rhoqo kwaye utye imifuno neziqhamo ezaneleyo yonke imihla. Thintela ukutshaya nokusela kakhulu.

## Ingaba yintoni engenakwenzela yona umqulu wamalungelo ezigulane?

Umqulu awuzijongi ezinye izinto ezibalulekileyo kuwe njengesigulane ukuze ubesempilweni njengokutya okutyayo, iimeko ohlala kuzo, izindlu ezifanelekileyo, ukucoceka kwamagumbi angasese nokufikelela kumanzi acocekileyo. UMqulu wamalungelo kumgaqo-siseko noMthetho wesizwe wezempilo (uMthetho onguNombolo 61 ka-2003) usebenza kunye nesiqinisekiso samalungelo ukuquka amanye amalungelo

## Ungasifaka kubani isikhalazo xa ilungelo lakho ngokwasempilweni linokunyhashwa?


Iinkonzo zikawonke-wonke kwiSebe leZempilo kufuneka zijonge bonke abantu kwiingingqi abahlala kuzo zingajongi nje kuphela umntu ngamnye. Ukuba yonke ingingqi isempilweni wonke umhlali unokuzuza abesempilweni. Ngoko ke ungakhalaza uwedwa kwaye ningakhalaza njengoluntu.

- Kumgangatho woNcedo oluphambili lwezeMpilo (iiKliniki namaZiko ezeMpilo asekuhlaleni) zijonga iiBhokisi zezikhalazo okanye zithethe noMlawuli weKliniki yakho okanye uMlawuli weSakhiwo esineZiko lezeMpilo ekuhlaleni
- Kumgangatho karhulumente wePhondo, ungatsalela umnxeba kwa-021 483 5624 okanye unxulumane:
- The Complaints Manager (noMlawuli weziKhalazo kwiSebe lezeMpilo)  
Dept. of Health  
P. O. Box 2060  
CAPE TOWN  
8000

## Ingaba bangasebenza njani kunye oogqirha, abongikazi nezigulane?

Oogqirha nabongikazi bangakunika uncedo lwempilo, KODWA wena unoxanduva lokujongana nempilo yakho. Ngamanye amaxesha inxalenye yonyango lwakho ithetha ukuba kufuneka uye kwenye ingcali (ugqirha, ingcali enyanga ngokuthambisa umzimba okanye unontlalontle) kwesinye isibhedlele okanye ikliniki. Oogqirha nabongikazi baza kukuthumela kubo ukuze ufumane unyango oludingayo. Ngale ndlela oogqirha nabongikazi banceda izigulane zibange amalungelo azo okufumana uncedo lwezempilo olululo.

Ngamanye amaxesha oogqirha nabongikazi bakhe baziphathe kakubi izigulane kanti nazo zikhe zibe krwada kumagosa onyango. Umqulu wamalungelo ezigulane wenzelwe ukuba sifunde ukuthembana nokuhlanelana. Uxanduva lwempilo yakho luxhomekeke kuwe nogqirha wakho kunye/okanye umongikazi. Ukwazi ngamalungelo akho noxanduva lwakho njengesigulane kuthetha ukuba kufuneka uhlonele oogqirha, abongikazi nezinye izigulane kwaye nabo kufuneka bakuphathe ngentlonelo. Ngale ndlela singafunda ukuthembana.



Ukuba ufuna ezinye iinkcukacha nceda uqhagamshelane:

**The People's Health Movement**

Umnxeba: 021 9326042

Ifeksi: 021 9327707

Url: [www.phmovementsa.org](http://www.phmovementsa.org)

Email: [PHMsouthafrica@gmail.com](mailto:PHMsouthafrica@gmail.com)

**Open Democracy Advice Centre**

Physical Address: 6 Spin Street, Cape Town

Telephone: +27 21 467 5673

Fax: +27 21 461 2814

Email: [odac@opendemocracy.org.za](mailto:odac@opendemocracy.org.za)

1. I-lungelo lokubasempilweni
2. Ukubandakanyeka koluntu nelungelo lokubasempilweni
3. **Umqulo yamalungelo esigulane**
4. amalungelo omntu ngamnye nawomntu wonke kwimpilo kawonke-wonke
5. Ukufikelela lula kulwazi oludingekayo
6. Amalungelo nokwabiwa kwemithombo yempilo



People's Health Movement



UNIVERSITY OF CAPE TOWN



Oxfam